

## Pick up a picture book

**November is International Picture Book Month. Picture books are books in which the illustrations are just as important to telling the story as the words. They are mostly shorter books that can be read in one sitting. Although lots of people think that picture books are meant only for young children, actually they can be enjoyed by all of us – young or old!**

Verushka Louw sells children's books at a bookshop in Cape Town called The Book Lounge. Here's what she has to say about picture books.

"I have been selling picture books to children for fifteen years and there is still magic in it every day! I believe there is such a thing as reading the right book at the right moment; finding stories to shape your story. We are so spoilt at the moment with picture books: illustrators are giving us their best.

I often say that picture books are your child's first introduction to art. So pick wisely when you are buying or taking books out in the library, look for books with more challenging illustrations, with detailed pictures, so that your child can also spend time reading the book through the pictures.

Picture books are important because childhood is important. Picture books help inspire today's young people into becoming tomorrow's thought leaders.  
*Debbie Ridpath Ohi, picture book illustrator and author*

Iincwadi zemifanekiso zibalulekile kuba ubuntwana bubalulekile. Iincwadi zemifanekiso zisanceda ekuvuseleleni abantu abatsha banamhlanje ukuze babe ziinkokeli zangomso ezizikisayo ukucinga.  
*nguDebbie Ridpath Ohi, ongumzobeli weencwadi zemifanekiso kunye nombhali*

## Khetha ukufunda iincwadi zemifanekiso

**EyeNkanga yiNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso. Imifanekiso ibaluleke ngokufana nqwa namagama xa kubaliswa ibali kwiincwadi zemifanekiso. Uninzi lweencwadi zemifanekiso zimfutshane kwaye unokuzihlalela nje ixesha elifutshane, uzifunde uzigqibe. Nangona abantu abaninzi becinga ukuba iincwadi zemifanekiso zifanele abantwana kuphela, inyaniso yeyokuba zingonwatyelwa sithi xa sisonke – abancinane nabadala!**

UVerushka Louw uthengisa iincwadi zabantwana kwivenkile ethengisa iincwadi eKapa nebizwa ngokuba yi-The Book Lounge. Naku akuthethileyo malunga neencwadi zemifanekiso.

"Ndineminyaka elishumi elinesihlanu ndithengisa iincwadi zabantwana zemifanekiso kwaye usandibonisa imimangaliso nanamhla oku lo msebenzi! Ndikholelwa ukuba ikho into ekukufunda incwadi efanelekileyo ngexesha elifanelekileyo; ukufuna amabali ukuze ukwazi ukuxonxa elakho nawe ibali. Kukhulu kakhulu esikufumana kwiincwadi zemifanekiso kule mihla: abazobi basinika imifanekiso ekwiqondo eliphezulu.

Amaxesha amaninzi ndidla ngokuthi iincwadi zemifanekiso zizinto zokuqala zokwazisa umntwana wakho ngezobugcisa. Ngoko ke khetha ngobulumko xa uthenga okanye uboleka iincwadi kwithala leencwadi, khangelwa iincwadi ezinemifanekiso ecela umngeni, imifanekiso eneenkcukacha ezithe vetshe, ukuze umntwana wakho abe nexesha alichitha efunda incwadi leyo, esebenzisa imifanekiso.

Siphila kumaxesha ekuxhaphake ngawo imifanekiso yezinto ngezinto zokubonwayo kwaye iincwadi zikhuphisana nezinto ezifana noomabonwakude kunye neekhompuyutha, ze zonke ezi zinto zidlwengule imidla nengqalelo yabantwana bethu ngaxeshanye. Kodwa xa sibakhuthaza ngokwaneleyo abantwana bethu, singabanceda bakhule bezithanda iincwadi. Kufuneka sibekela bucala ixesha lokubafundela abantwana bethu, ukususela kwasebuncinaneni babo. Ukufunda nindawonye lixesha elixabiseke kakhulu, bubutyebi banaphakade obo.

Njengomthengisi weencwadi, ngamanye amaxesha ndiba nencoko emfutshane kakhulu nomntwana ukuze ndifumanise ukuba ungumntwana onjani na kwaye ufuna ukufumana ntoni kwincwadi yakhe elandelayo. Umsebenzi wam ubufana nokagqirha! Ndifumana izikhokelo noonobonisela kwizinto ezithethwa ngabantwana ukuze ndibone ukuba zeziphi na iincwadi ezihambelana neemfuno zabo kunye nemidla yabo.

Kukho iimpindulo ezininzi kakhulu zobomi bethu obungumbhodamo kumaphepha eencwadi. Awunakuze uthi liselininzi kakhulu ixesha phambi kokuba uqalise ukwazisa abantwana ngeencwadi zemifanekiso ezizele ngamandla amangalisayo nomlingo kwanezisithembisa ngentlaninge yezinto ezinkulu esisaza kuhlalanga nazo.



Drive your imagination

Story Power.  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla ebali.



# Celebrating picture books!

This International Picture Book Month we asked some of the team at Nal'ibali, as well as our Story Bosso celebrity judges and ambassadors about their favourite picture books. Here's what they said.

## Sibhiyozela iincwadi zemifanekiso!

Kule Nyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso sibuze abanye babantu abakwiqela likaNal'ibali, abathunywa kwakunye nabagwebi bethu abangoosaziwayo kukhuphiswano luka-Story Bosso malunga nezona ncwadi zemifanekiso abazithandayo. Naku abakuthethileyo.



It is the joyous power of picture books that turns young listeners into readers and readers into writers.  
Charles Ghigna, author and poet

Ngamandla onwabisayo eencwadi zemifanekiso aguqula abaphulaphuli abancinane babe ngabafundi baze abafundi babe ngababhali.  
nguCharles Ghigna, ongumbhali kunye nembongi



My favourite picture book is *Guess how much I love you* by Sam McBratney and Anita Jeram. I used to read it with my children all the time. The book uses larger and larger actions to measure how much the characters love each other. Even though my children are adults now, we still play this game because it has such a special meaning to us!  
Ntombizanele Mahobe, Nal'ibali Training Coordinator




Eyona ncwadi yemifanekiso ndiyithandayo ngu *Guess how much I love you* obhalwe nguSam McBratney kunye no-Anita Jeram. Ndandidla ngokuyifunda kunye nabantwana bam mihla le. Le ncwadi isebenzisa izenzo eziya zikhula ngokukhula ukwenza imilinganiselo yeendlela abalinganiswa abathandana ngazo. Nangona nje ngoku abantwana bam bengabantu abadala, sisawudlala lo mdlalo kuba unentsingiselo eyodwa kuthi!  
nguNtombizanele Mahobe, onguMlungelelanisi wezoQeqesho kwaNal'ibali



My favourite picture book has to be Dr Seuss's *Oh, the places you'll go!* It has a universal message that appeals to children and adults.  
Alan Glass, author and co-creator of the "Beautiful Creatures" series

Eyona ncwadi yemifanekiso ndiyithandayo yekaDr Seuss ethi, *Oh, the places you'll go!* Le ncwadi inomyalezo olungele ndawo-zonke kumntu wonke, abadala nabancinane.  
ngu-Alan Glass, ongumbhali nomnye kubayili bothotho lweencwadi oluthi "Beautiful Creatures"



I share picture books with the children at my reading club every week. My favourite one is *The little red hen*. There are so many variations of this story out there, but originally it was an old Russian folktale. Children react so well to the pictures of talking animals. The story is all about the importance of hard work. The children slip into the world of this story without even realising it!  
Thanduxolo Mkozi, Nal'ibali Literacy Mentor


Zonke iiveki ndabelana nabantwana bam ngeencwadi zemifanekiso kwiklabhu yam yokufunda. Eyona ncwadi yemifanekiso ndiyithandayo ngu-*Isikhukukazi esibomvu esincinane*. Kubekho ukuguquguquka okuninzi okwenzekileyo kweli bali, kodwa laqala ngokuba yintsoni yakudala yaseRashiya. Abantwana bayakuthanda ukubuka imifanekiso yezilwanyana ezithethayo kwaye banento eninzi yokuthetha ngayo. Ibali eli limalunga nokubaluleka kokuzimisela emsebenzini nokuvuzwa kokusebenza nzima. Abantwana bangena kwilizwe leli bali bengaziqondanga ukuba sele betho dzwabha kweli lizwe!  
nguThanduxolo Mkozi, alikhankatha leLitheresi lakwaNal'ibali



I like reading to my children at bedtime and our favourite picture book is *Charlie Cook's favourite book* by Julia Donaldson and Axel Scheffler. We love it because it's about lots of books all inside one book!  
Nik Rabinowitz, comedian




Ndiyakuthanda ukufundela abantwana bam ngexesha lokulala kwaye eyona ncwadi siyithandayo yemifanekiso ngu *Charlie Cook's favourite book* kaJulia Donaldson kunye no-Axel Scheffler. Siyayithanda kuba imalunga neencwadi ezininzi neziqike zonke kwincwadi enye!  
nguNik Rabinowitz, ongumhleksi eqongeni



My children's favourite picture books are *Oh, the places you'll go!* and *The cat in the hat* by Dr Seuss. These books really trigger their imaginations; they get so absorbed in the stories. I also thoroughly enjoy reading them aloud to my children.  
Bonnie Henna, actress, author and presenter

Ezona ncwadi zemifanekiso zithandwa kakhulu ngabantwana bam ngu- *Oh, the places you'll go!* kunye no-*The hat in the cat* nezibhalwe nguDr Seuss. Ezi ncwadi ziyichukumisa ngokwenene imifanekiso-ntelekelelo yabo; babanomdla kakhulu kula mabali kangangokuba bangangakuhoyi naxa uthetha nabo. Kananjalo nam ndiyakonwabela ukufundela abantwana bam ngokuvakalayo la mabali.  
nguBonnie Henna, ongumdlali weqonga, umbhali kunye nombhexeshi-nkqubo kamabonwakude



Drive your imagination



Refilwe by Zukiswa Wanner and Tamsin Hinrichsen has to be my favourite picture book. It's a beautiful fairytale that is all about adventure, escape and love. Children love the story – they're captivated by how the princess goes from being sad and isolated to escaping and falling in love. It's also a culturally-relevant retelling of the fairytale, Rapunzel, with nuances that children can relate to – such as the clothing, hair and different cultural practices.

Malusi Ntoyapi, Na'ibali Programmes Support Officer and Trainer



URefilwe kaZukiswa Wanner noTamsin Hinrichsen yeyona ncwadi yemifanekiso ndiyithandayo. Yintsomi emnandi emalunga namahlandinyuka nje kuphela, ukusaba kunye nothando. Abantwana bayalithanda eli bali – babiwa umxhelo yindlela inkosazana eguquka ngayo, ukususela elusizini nasebulolweni ukuya ekusabeni nasekuthandaneni. Kananjalo eli bali lihambelana twatse neenkubeko ezahlukeyo ekubaliswa kuzo intsomi kaRapunzel, ngendlela ekusetyenziswa ngayo izangotshe neyantlukwano encinane phakathi kweenkubeko zoluntu ukuze abantwana bakwazi ukuzinxulumanisa nokwenzeka apha ebalini – kwizinto ezifana nempahla, iinwele kunye nezinto ezahlukeyo ezenziwa kwiinkubeko ezahlukeyo.

nguMalusi Ntoyapi, oIiGosa eliXhasa iNkqubo kwanoMqeqeshi wakwaNa'ibali




The very hungry caterpillar by Eric Carle was my son's favourite story for a very long time. The whole family read it to him at some point: my mother, my sisters, his father and my grandmother. We read it so much, I even memorised it! I love it because it speaks about transformation. The tiny caterpillar that eats too much eventually becomes a beautiful butterfly.

Lebo Mashile, writer, actress and performer

Incwadi esihloko sithi *The very hungry caterpillar* kaEric Carle yayiyeyona ncwadi yayithandwa ngunyana wam ixesha elide. Kukho ixesha apho ilungu ngalinye losapho kwafuneka ukuba limfundele eli bali: umama wam, oodadewethu, utata wakhe kunye nomakhulu wam. Sayifunda kaninzi gqitha, kangangokuba ndade ndayazi ngentloko! Ndiyayithanda kuba ithetha ngeenguqu. Umbungu omncinane owawusitya kakhulu ekugqibeleni waba libhabhathane elihle kakhulu.

nguLebo Mashile, ongumbhali, umdlali weqonga kunye nomdlali kwezobugcisa




My favourite picture book is *Three friends and a taxi* by Maryanne and Shayle Bester. I love it because the pictures are so animated, which helps my daughters engage with the story more easily. It's also a versatile tale because both younger and older children seem to enjoy it!

Thabisa Thabi, Na'ibali Literacy Mentor

Eyona ncwadi yemifanekiso ndiyithandayo ngu-*Abahlobo abathathu netekisi* kaMaryanne noShayle Bester. Ndiyayithanda kuba imifanekiso ivuselela uchulumanco nehlombe, nto leyo enceda iintombi zam zizibandakanye nebali lula kakhulu. Kananjalo le yintsomi enokusetyenziswa ngeendlela ezininzi kuba abantwana abancinane nabadala bayonwabela ngokufanayo!

nguThabisa Thabi, oIikhankatha leLitheresi lakwaNa'ibali



As young children, we used to listen to stories while waiting for supper and around the fire, but later we got to enjoy stories at bedtime. My favourite picture book is *The very hungry caterpillar* by Eric Carle. I love the simple storyline. It's an easy read with lots of repetition, almost musical – and I love the subject of nature, environment and life!

Sindiwe Magona, author



Xa sasingabantwana abancinane, sasidla ngokuphulaphula amabali sothe umlilo lo gama sili inde isidlo sangokuhlwa, kodwa sathi kamva sawonwabela kakhulu amabali abaliswa ngexesha lokulala. Eyona ncwadi yemifanekiso ndiyithandayo ngu-*The very hungry caterpillar* kaEric Carle. Ndiithanda indlela ibali elilandelelaniswa lula ngayo. Libali elifundeka lula kwaye linophindaphindo oluninzi, phantse livakale ngathi ngumculo – kwaye ndithanda nomxholo lo walo wendalo, okusingqongileyo kunye nobomi!

nguSindiwe Magona, ongumbhali




I read to my six-month-old baby every evening before bedtime. My favourite picture books are the *Little hands* books sets of board books. They are ideal for tiny children because they're sturdy and colourful and so easy to read. Children also love the process of turning the pages.

Thulisa Mayekiso, Na'ibali Literacy Mentor

Ndifundela usana lwam oluneenyanga ezintandathu qho ngokuhlwa phambi kokuba lulale. Ezona ncwadi zemifanekiso ndizithandayo ziiseti zika-*lincwadi zezandla ezincinci* ezenziwe ngekhadibhodi. Zibalungele kakhulu abantwana abancinane kuba zomelele kwaye zinemifanekiso emibalabala ze kube lula nokuzifunda. Kananjalo abantwana bayakuthanda ukutyhila-tyhila amaphepha azo.

nguThulisa Mayekiso, oIikhankatha leLitheresi lakwaNa'ibali



My daughter and I love the picture book, *Happy to be nappy* by Bell Hooks and Chris Raschka. It's about celebrating childhood and girls, and having the freedom to express your individuality. It's also about the crucial importance of diversity.

Smangele Mathebula, Na'ibali Campaign Driver

Mna nentombi yam sizithandela incwadi yemifanekiso ethi, *Happy to be nappy* kaBell Hooks noChris Raschka. Le ncwadi imalunga nokubhiyozela ubuntwana namantombazana, kwakunye nenkululeko yokuvakalisa nokubonakalisa ubuntu nobuqu bakho. Kananjalo ikwamalunga nokubaluleka kokungafani nokuba ziintlobo ngeentlobo.

nguSmangele Mathebula, onguMqhubi wePhulo lakwaNa'ibali



## NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Na'ibali's radio show: Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m. SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNa'ibali: Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45. Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.





## Get story active!

Here are some ideas for using the two picture books and the longer Story Corner story in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

### Wow! It's great being a duck

Children of all ages will enjoy this story. A young duck, called Lillee, prefers walking rather than learning to fly and swim like her brothers and sisters. But, eventually she learns what she needs to in order to outwit a crafty fox who wants to eat her!



- ★ As you read the story, spend some time talking about the pictures with your children. You may want to draw their attention to the pictures of the fox on pages 9, 10, 12, 14 and 15. They show what the fox would have looked like to Lillee, who still had part of an eggshell on her head.
- ★ Try a fun drawing activity when you have finished reading the story. Suggest that your children partially cover their eyes with one of their hands and then draw what they see with the other hand!
- ★ After reading the story, discuss some of these questions with your children.
  - ☉ How do you think the story might have been different if Lillee had learnt to swim and dive with her brothers and sisters?
  - ☉ Do you think Lillee was wise to trust the fox in the first part of the story?
  - ☉ Was Lillee's mother correct about the fox? How do you think she knew about the fox?
  - ☉ Do you know other stories where there is a character who tries to trick someone? What happens in those stories?
- ★ The author and illustrator of this story, Joan Rankin, was a character in our special Literacy Day story called, *We have to go!* You will find this story in supplement 98 or you can read it again on our website or mobisite: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

### Nomsa

This is a story about a little girl, called Nomsa, who loves to dance. It is written for very young children, but you can also use the story with older children by letting them read it in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement. They can also read it to younger children that they know.



- ★ As you read the story together, do some of these things.
  - ☉ **Page 2:** Say: "Look at Nomsa. What is she doing?"
  - ☉ **Page 5:** Ask: "Can you see the cloud? Where do we find clouds?"
  - ☉ **Page 6:** Point to the top and say: "Look at the top going round and round." Point to Nomsa and say: "Look at Nomsa going round and round. Can you spin round and round like a top? Let's try."
- ★ Play some music and encourage your children to dance freely to it.

### Gus, the gorilla

This is the story of a gorilla from the Johannesburg Zoo who became a hero. Enjoy reading the story aloud or retelling it, then suggest that your children do some of these things.



- ★ Decide whether the thief got what he deserved and whether he should have been made to pay for Gogo's bananas.
- ★ Read the information about the gorillas and real-life events on which the story was based on page 13 of this supplement. Find out more about different kinds of gorillas.
- ★ Write the article that they think might have appeared in the newspaper. (They could draw a picture to go with their article too.)
- ★ Act out the story.

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso zokusebenzisa iincwadi zemifanekiso ezimbini ezikolu hlelo kunye nebali elidana leNdawo yamaBali elikwakolu hlelo. Khetha ezo zihambelana nobudala nemidla yabantwana bakho.

### Wawu! Kumnandi kakhulu ukuba lidada

Abantwana ababudala bahlukeneyo baza kulonwabela eli bali. Lidada elincinane, eligama linguLillee, likhetha ukuhamba ngeenyawo kunokufunda ukubhabha nokudada njengoobhuti noosisi balo. Kodwa, ekugqibeleni ufunda oko afanele ukukufunda ukuze aphuncule kwimpungutye enamaqhinga nefuna ukumtya!

- ★ Njengokuba ufunda ibali, chitha ixeshana elithile uthetha ngemifanekiso nabantwana bakho. Mhlawumbi ungathanda ukutsalela imidla yabo kwimifanekiso yempungutye ekwiphepha le-9, ele-10, ele-12, ele-14, nele-15. Le mifanekiso ibonisa indlela impungutye ibiza kukhangeleka ngayo kuLillee, nobesagunywe liceba leqokobhe leqanda kwintloko yakhe.
- ★ Zama umsetyenzana wokuzonwabisa ngokuzoba xa sele ukugqibile ukulifunda ibali. Cebisa ukuba abantwana bakho bazogqume amehlo ngesandla esinye, kodwa bakwazi ukubona kancinane apha phakathi kweminwe, baze bazobe oko bakubonayo ngesinye isandla!
- ★ Emva kokufunda ibali, xoxani ngeminye yale mibuzo kunye nabantwana bakho.
  - ☉ Ucinga ukuba ibali ngelohluke njani ukuba uLillee wayekufundile ukudada nokuntywila njengoobhuti noosisi bakhe?
  - ☉ Ucinga ukuba uLillee wenza ubulumko ngokuthemba impungutye kwinxenye yokuqala yebali?
  - ☉ Ingaba umama kaLillee wayethetha inyaniso ngokuphathelele kwimpungutye? Ucinga ukuba olu lwazi wayenalo malunga nempungutye wayelufumene njani?
  - ☉ Ingaba akhona amanye amabali owaziyo apho kukho umlinganiswa ozama ukuqhatha omnye? Kwenzeka ntoni kuloo mabali?
- ★ Umbhali nomzobi kweli bali, nguJoan Rankin, owayengumlinganiswa webali lethu elikhethekileyo loSuku lwelitheresi elisihloko sithi, *Kufuneka sihambe!* Ungalifumana eli bali kuhlelo lwama-98 okanye ungalifunda kwakhona kwiwebhusayithi okanye kwimobhisayithi yethu ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) naku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

### UNomsa

Eli bali limalunga nentombazana egama linguNomsa, eyayikuthanda kakhulu ukudanisa. Libhalelwe abantwana abancinane kakhulu, kodwa ungalisebenzisa eli bali nabantwana abadala ngokubavumela ukuba balifunde ngolwimi lwabo lweenkobe kuqala, ze babuye balifunde ngolwimi olu lohlelo. Kananjalo bangalifundela nabantwana abancinane ababaziyo.

- ★ Njengokuba nifunda ibali nikunye, yenzani ezinye zezi zinto.
  - ☉ **Iphepha le-2:** Yithi: "Jonga uNomsa. Ingaba wenza ntoni?"
  - ☉ **Iphepha le-5:** Buza: "Uyalibona ilifu? Siwafumana phi amafu?"
  - ☉ **Iphepha le-6:** Yolatha kwitola uze uthi: "Jonga itola iyajikeleza. Yolatha kuNomsa uthi: "Jonga uNomsa uyajikeleza. Ingaba niyakwazi ukuspina, nijikeleze njengetola? Masikhe sizame."
- ★ Dlala umculo uze ukhuthaze abantwana bakho badanisele loo mculo ngokukhululekileyo.

### Igorila egama linguGus

Eli libali legorila yoMyezo wezilwanyana waseRhawutini eyaba ligorha. Konwabele ukufunda ngokuvakalayo ibali eli okanye ulibalise kwakhona, ze ke ucebise abantwana bakho ukuba benze enye yezi zinto.

- ★ Gqibani ngokuba ingaba isela lafumana into elilungeleyo okanye ingaba kwakufuneka lihlawuliswe iibhanana zikaGogo kusini na.
- ★ Fundani ngengcaciso engegorila kunye nezehlo zokwenene elisekelwe kuzo eli bali, kwiphepha le-13 lolu hlelo. Khangelani ke nezinye iinkcukacha ngeentlobo ezohlukileyo zeegorila.
- ★ Bhalani inqaku enicinga ukuba lapapashwa kwiphephandaba ngobu bugorha. (Kananjalo ningazoba nomfanekiso ohambelana nenqaku elo.)
- ★ Yenzani umdlalo weqonga osekulwe kweli bali.



### Create two cut-out-and-keep books

#### Nomsa

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Wow! It's great being a duck

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine

#### UNomsa

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### Wawu! Kumnandi kakhulu ukuba lidada

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcane ongamachaphaza amnyama.
4. Phinda uwasonge phakathi kwakhona ulandela umgcane ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination



The snails were so tasty, so absolutely scrumptious, Lillie stayed until she had eaten every one.

“Do bring your brothers and sisters next time,” called Mr Furry-legs-Long-tail-sharp-snout.

“Okay!” said Lillie. “But they can’t walk as quickly as I can.” And off she waddled.

Inkumba ezi zazincasasa, zimnandi kakhulu, kangangokuba ulillec wahlala wade wade uzitye zonke.

“Kufuneka uze noosisi kunye noobhuti bakho kwixa elizayo,” watsho uMnumzana uMlilenz’inoboya, uMstila mde, uMpumliw’etsolo. “Kulungile!” kwatsho ulillec. “Kodwa bona abakwazi kukhawuleza njengam.”

Watsho ebhadaza esimka.



Kwiveki elandelayo ulillec wabuyela kwakulaa ndawo namagunube. Apho wadibana noMnumzana uMlilenz’inoboya, uMstila mde, uMpumliw’etsolo. Lo gama ekhangela amagunube anokuba asala apho, baqhubeka ngenconkco.

“Ingaba uphuma kusapho olukhulu umthetho wakho?” wabuzo lo mhlobo wakhe.

“Owu, ewe,” watsho ulillec, “Ndimooosisi noobhuti abadala kunam abaninzi kakhulu.”

“Yani? Xa kunjalo ke kuza kufuneka ndikubonise apho unokufumana khona iinkumba. Ndikholelwa ukuba zilunge kakhulu ukwenza amadada abeMAKHULU ... omele ... kwaye atybe?”



The following week Lillie returned to the berry patch. And there she met Mr Furry-legs-Long-tail-sharp-snout. While she looked for any remaining berries, they talked.

“Do you have a large family?” asked her companion.

“Oh, yes,” said Lillie, “I have lots of big brothers and sisters.”


“Really? Then I must show you where to find snails. I believe they are very good for making ducks BIG ... strong ... and fat.”

Wow! It's great being a duck is from the SONGOLOLO list – a range of books celebrating both the common and diverse interests and experiences in childhood, featuring stories from Africa and beyond.

Shuter & Shooter Publishers acquired the award-winning children's picture book imprint, SONGOLOLO in 2008.

SONGOLOLO is a quality list, featuring books by some of South Africa's foremost authors and illustrators, including Niki Daly, Gcina Mhlophe, Joan Rankin and Jude Daly. The list features several bestsellers, including Niki Daly's *Mama, Papa and Baby Joe*, and Joan Rankin's *Wow! It's great being a duck* and other numerous award-winning titles.

For further information, visit [www.shuters.com](http://www.shuters.com)



# Wow! It's great being a duck

## Wawu! Kumnandi kakhulu ukuba lidada



Joan Rankin

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)





“Ndiyakuthanda ukuhamba nam”, watsho uMnumzana uMlilenz’inoboya, uMsila’mde, kunye singene ehlathini ndiza kukubonisa izinto ezinencasa idada elikhulayo njengawe elinokuzitya.” U Lillie waya amqunubce amaninzi kakhulu. Waya wade umlomo lo wakhe wajika wamfusa. Waya zade ncentisba ezi zakhe zamfusa. “Uziva njani ke ngoku?” wabuzo lo mhlobo wakhe mtshe. “Ndziva ndityebile?” waphendula u Lillie. “Kuhle ke oko,” kutsho uMnumzana uMlilenz’inoboya, uMsila’mde. “Ndiyawathanda nam amadada atyebileyo.”

“I love walking, too,” said Mr Furry-legs-Long-tail. “Let’s stroll together into the forest and I’ll show you some tasty things for a growing duck like you to eat.” Lillie ate many wild berries. She ate until her beak turned purple. She ate until her feathers turned purple. “How do you feel?” asked her new friend. “Fat!” replied Lillie. “Good,” said Mr Furry-legs-Long-tail. “I like fat ducks.”

Kwiveki elandelayo uMnumzana uMlilenz’inoboya, uMsila’mde, uMpumliw’etsolo, u lwim’olupinki weza ehamba ngendledlana leyo ingena ehlathini. Apho watumana u Lillie ehlili yedwa kwindledlana, ehlila. “Kutheni uhleli wedwa ulila nje?” wabuzo. “Usapho lwasekhaya lubhabhe lwaya kwelinye idanyana elikhudlwana,” watshe ehlila. “Owu bethu, bendinethemba lokubanehekho kunye nani xa nimonke. Kodwa kutheni ungasambi nam nje?” U Lillie wayekelela ukhulila. “Unobubele kakhulu wena,” watshe ehliza, ephakama elandela umhlobo wakhe omtshe lo gama bangena ehlathini elimnyama nelluhlaza. “Khawuleza kalokuni! Khawulezai! Kufuneka uhambe ngokukhawuleza kakhulu, watshe uMnumzana uMlilenz’inoboya, uMsila’mde, uMpumliw’etsolo, u lwim’olupinki ekhohtha imilibe yakhe. “Yiza, khawulezai! Yiza, khawulezai!” “Akasektrwadi! Inokuba ucinga ukuba ungunbani yena?” wakhala ngehitshoyo u Lillie, lo gama aphakamisa amehlo.

The next week Mr Furry-legs-Long-tail-Sharp-snout-Pink-tongue came walking along the forest path. There he found Lillie sitting alone on the path, sobbing. “Why are you crying all by yourself?” he asked. “My family has flown away to a bigger pond,” she wailed. “Oh dear, I was hoping to have a party with all of you. But why don’t you come along with me?” Lillie stopped crying. “You are kind,” she sniffed as she got up to follow her new friend into the dark, green forest. “Hurry! Hurry! You really must walk a little faster,” said Mr Furry-legs-Long-tail-Sharp-snout-Pink-tongue, licking his lips. “Come on! Come on!” “How rude! Just who does he think he is?” quacked Lillie, looking up.



Lillie was the last born, the last to hatch, and the smallest and skinniest. All the other ducklings had already left the nest when, at last, Lillie’s egg began to crack. Lillie peeped out ...

U Lillie wayenguntongo, kuba waqanduselwa mgqibeli, kwaye wayelelona ntshontsho lincinane nelibhityileyo. Onke amanye amantshontsho edada ayesele eyishiyile indlwane xa kwathi ngelingeni iqanda lika Lillie laqalisa ukughekeka. U Lillie walunguza ngaphandle kweqanda ...

And she could!

Ngenene ke wayekwazi!



Wow! It's great being a duck!  
Wawu! Kumnandi kakhulu ukuba lidada!



She observed his sharp snout  
 slipped across a row of needle-  
 sharp teeth. Lillee squeaked and  
 Lillee squawked when she saw ...  
 Lillee wagwalsela loo mpumlo  
 yakhhe itsole. Wathi gqa amehlo  
 akubona ulwimi lwakhhe olupinki  
 lulengalenga phezu koluhlu  
 lwamazinyo abukhali ngokwecenalti.  
 Ulillee watswina waze wakhala xa  
 ebona ukuba ...



She studied his long tail.  
 Ulille wajongisisa loo  
 msila wakhe mde.




She gazed at his furry legs.  
 Ulille wamjamelakuloo  
 milenze yakhe inoboya.



Down she glided, and landed just like an expert.  
 "Look, look!" quacked her brothers and sisters. "Hey,  
 Lillee! We thought you could only walk!"  
 "So did I," said Lillee. "But now I can do everything!"  
 Wehla ewuza ukuya ezantsi, waza waya kuthi ngcu kanye  
 njengencaphephe yokubhabha.  
 "Jongani, jongani!" bakhwaza oosisi noobhuti bakhe.  
 "Heyi, Lillee! Besicinga ukuba wazi nje ukuhamba kuphela!"  
 "Nam bencinga njalo," watsho ngeliphendulayo ulillee.  
 "Kodwa ngoku ndikwazi ukwenza yonke into!"



A week later she met Mr Furry-legs-Long-tail. "My, you do  
 walk well ... for a duck?"  
 he said.  
 "Thank you," said  
 Lillee. "I shall never take  
 my feet off the ground."  
 "It's far too dangerous."  
 Emva kweveki  
 ulillee wadibana  
 kwakhona  
 noMnumzana uMlilenz'inoboya, uMsila'mde. "Tyhini, uhamba  
 kakuhle kakhulu ... ngathi akulodada," watsho lo maqhingana.  
 "Enkosi," watsho ulillee. "Soze ndizisuse inyawo zam  
 emhlabeni. Kuyingozikakhulu kwenza oko."



"You are very small and skinny," remarked Mr Furry-legs.  
 "I will show you where you can eat tender nasturtium leaves.  
 You need fattening up!"  
 Lillee ate so many  
 nasturtium leaves,  
 she could hardly  
 waddle home.  
 "Umcinane  
 kakhulu kwaye  
 ubhityile," kutsho  
 uMnumzana  
 uMlilenz'inoboya  
 ngakuphela. "Ndiza kukubonisa apho ungatya amagabi  
 athambileyo kanomakhaphetshu. Kufuneka ukhe uyibe!"  
 Ulillee waya amagabi amaninzi kanomakhaphetshu,  
 kangangokuba wayengakwazi ukubhadaza agoduke.

First she saw her mother's eyes, then she  
 saw her mother's feathers and her mother's feet.  
**CRASH!** Lillee fell out of her egg into the  
 BIG WORLD.

Into yokuqala awayibonayo ngamehlo  
 kamama wakhe, emva koko wabona iintsiba  
 zikamama wakhe kunye neenyawo zakhe.  
**BHALAKAXA!** Ulillee wawela  
 ngaphandle kweqanda elo ze wangena kweli  
 HLABATHI LIKHULU kangaka.






Wahamba kuloo ndlela inde nejikojiko wade wadibana  
 noMnumzana uMlilenz'inoBoya.  
 "Lenza ntoni idadana elihle nelincinane elifana  
 nawe apha kwihlatini elinyama neluhlatza?" kubuza  
 uMnumzana uMlilenz'inoBoya.  
 "Ndiyahamba," waphendula uLillec ngokuziqhenya.

Along the long and winding path she went until she  
 met Mr Furry-legs.  
 "What's a nice little duck like you doing in the dark,  
 green forest?" asked Mr Furry-legs.  
 "I'm walking," replied Lillec proudly.



Lillee's mother was very proud. She wanted everyone  
 to admire tiny Lillee.

"Come swim! Come swim!" quacked Lillee's older  
 brothers and sisters.



... lo ngu  
**MPUNGUYE,**  
 uMnumzana uMlilenz'inoBoya, uMsila mde,  
 uMpumlwetsolo, uLwim'olupinki!

... Mr Furry-legs, Long-tail,  
 Sharp-snout, Pink-tongue  
**FOXI**

Up, up, over the hills  
 and onto the other side.


Wenyuka, wenyuka,  
 phezu kweenduli ukuya  
 kuvela kwelinye icala.



Below, in a big pond, she saw her family.

Ezantsi phaya, kwidama elikhulu, wabona  
 usapho lwakowabo.

float like a cloud,  
alengalenge okwelifu,



fly like a butterfly,  
abhabhe okwebhathane,



## Nomsa UNomsa



*Niki Daly*



We publish *what* we like

This is an adapted version of *Nomsa*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiZulu, isiXhosa, English, Afrikaans, Setswana, Sesotho, Sepedi, Siswati, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *UNomsa*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-on-line ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

She can jump like a cat,  
Angatsiba okwekati,



spin like a top and ...  
aspine okwetola, akugqiba ...



... WHOOPS  
into Papa's arms!



Nomsa loves to dance.  
UNomsa uyakuthanda ukudanisa.



... AZITHI JWI-I  
ezingalweni zikaTata!




Kuthe ke lo gama oosisi noobhuti bakhe badadayo bemana ukuntywila, uLillee yena wabe eziqhela ukuhamba ngeenyawo. Unyawo emva kolunye, nanke ehamba esiya kungena kwihlathi. climyama, ncluhlaza.

So, while her brothers and sisters were swimming and diving, Lillee practised walking. One foot after the other, into the dark, green forest she walked.



Lillee was flying! Up, up, over the pond.  
Up, up, over the trees.


Thyini uLillee uyabhabha! Wenyuka, wenyuka, phezu kwedanyana. Wenyuka, wenyuka, phezu kwemithi.




Right out of the reach of Mr Fox.

Waya kwindawo apho uMnumzana uMpungutye engenakufikelela khona.

Umama kaLillee wayeneqhayiya elikhulu ngaye. Wayefuna ukuba wonke umntu amthande kakhulu uLillee omncinane.  
“Yiza sidade! Yiza sidade!” akhale embiza njalo amadadana angobhuti noosisi bakhe.





Ngokukhawuleza uLillee waguquka wabaleka ...  
 bhada-phaku-phaku, bhada-phaku-phaku! Waphinyela  
 gikajika kuloo ndledlana ijikojiko, iphinyela ehathini  
 elinyama nelihlaza ukuya kungena kwidanyana  
 ngawona mendu makhulu.

Quickly, Lillee turned and ran ... *Fap, fap, fop, fop!*  
 Faster and faster along the winding path through the  
 dark, green forest and back to the pond she ran.



“Come along, Lillee,” coaxed Mother Duck. “You must learn to swim or Furry-legs, Long-tail, Sharp-snout, Pink-tongue Fox will gobble you up.”

But Lillee did not want to take her feet off the ground.

“Yiza wethu Lillee,” ucenge ngelitshoyo uMama uDada. “Kufuneka ufunde ukudada okanye uMilenz’inoboya, uMsila’mde, uMpumlw’etsolo, uLwim’olupinki onguMpungutye uza kukunqwamza.”

Kodwa uLillee wayengafuni kususa iinyawo zakhe emhlabeni.



**Splash!** Lillee jumped into the pond.

She could hear the panting breath of Mr Fox. She could feel his prickly whiskers on her tail. *Paddle, paddle* went her feet. *Flap, flap* went her wings. Suddenly ...



**Dyumpu!** ULillee watsibela kwidanyana elo.


Wayemva uMnumzana uMpungutye ekhefuzela emva kwakhe. Wayengathi uyaweve amadevu akhe ahlabayo kwisisila sakhe. *Bhexa, bhexa, zagxampuza* iinyawo zakhe phezu kwamanzi. *Qhwa, qhwa*, aphakuzela namaphiko akhe. Ngephanyazo ...

## Reading club corner

Special days in November provide us with plenty of opportunities for reading, writing and storytelling. Here are some of them.

<b>November:</b>	International Picture Book Month
<b>13 November</b>	World Kindness Day
<b>15 November</b>	Children's Grief Awareness Day
<b>16 November</b>	International Day of Tolerance
<b>20 November</b>	Universal Children's Day
<b>21 November</b>	World Hello Day

Celebrate International Picture Book Month during November by asking your children to find their favourite picture book (and/or Nal'ibali cut-out-and-keep story) from the collection at your club or in your library. Allow some time for them to think about the reason/s why this book is their favourite. Then invite the children to write a "love letter" to the book or the author of the book saying why this particular book is their all-time favourite! Plan to have a "We love picture books" party later in the month. Invite the children to read their letters to the club members and to show their books. Suggest that they read their favourite books aloud to someone or retell the story using the pictures, if they are not able to read yet.



## Ikona yeklabhu yokufunda

Iintsuku ezikhethekileyo kweyeNkanga zisinika amathuba amaninzi okufunda, okubhala kunye nawokubalisa amabali. Nazi ezinye zezo ntsuku.

<b>EyeNkanga:</b>	yiNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso
<b>13 kweyeNkanga</b>	luSuku loBubele lweHlabathi
<b>15 kweyeNkanga</b>	luSuku lokuXhobisa noKwazisa ngokuBindeka kwaBantwana
<b>16 kweyeNkanga</b>	luSuku lweZizwe ngeZizwe lokuNyamezelana
<b>20 kweyeNkanga</b>	luSuku lwaBantwana Jikelele
<b>21 kweyeNkanga</b>	luSuku lokuBulisa lweHlabathi

Bhiyozela iNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso ngenyanga yeNkanga ngokucela abantwana bakho ukuba bafune eyona ncwadi yemifanekiso bayithandayo (okanye /kunye nebali onokulisika-ze-uligcine lakwaNal'ibali) kwingqokelela yeklabhu yakho okanye kwithala leencwadi elikufuphi nawe. Banike ixesha lokucinga ukuba kutheni incwadi leyo ibe yeyona bayithandayo. Emva koko mema abantwana babhale "ileta yothando" bebhalela incwadi okanye umbhali wencwadi leyo, bexela ukuba kutheni incwadi leyo iyeyona bayithanda ngaphezulu kwazo zonke ezinye! Yenza amalungiselelo okuba netheko elinomxholo othi, "Siyazithanda iincwadi zemifanekiso" eliya kubakho apha ekuhambeni kwenyanga. Mema abantwana ukuba bafundele amalungu eklabhu ileta zabo baze bababonise neencwadi zabo. Bacebise ukuba bafundele abanye abantu ngokuvakalayo ezo ncwadi zabo bazithandayo okanye baphinde balibalise kwakhona ibali besebenzisa imifanekiso, ukuba abakakwazi ukufunda.

Picture books give us a hint of what else might be ahead in our reading lives. Each picture book is a small, wonderful world!  
*Brian Lies, picture book author and illustrator*

Iincwadi zemifanekiso zisingcamlisa ezinye izinto ezisaza kwenzeka kubomi bethu bokufunda. Incwadi yemifanekiso nganye lihlalathi elincinane elimangalisayo!  
*nguBrian Lies, umbhali weencwadi zemifanekiso kunye nomzobi*

### IS IT TRUE?

The story *Gus, the gorilla* on pages 14 and 15, is based on two real-life gorillas from South Africa, called Max and Lisa.

Max and Lisa were Western Lowland Gorillas. Western Lowland Gorillas are one of the most endangered gorilla species in the world. This species originally came from the tropical rain forests of Africa and are the largest living primates.

Max was born on 6 March 1971 in the Frankfurt Zoo in Germany and came to the Johannesburg Zoo when he was two years old. When he was twenty years old, a female gorilla, Lisa, was brought from the Moscow Zoo to join him. They became life-long partners.

Max became well-known in 1997 when he tackled a thief. The thief jumped into the gorilla's enclosure at the zoo while he was running away from the police. The thief shot Max twice, but Max managed to stop the thief from escaping. The thief was arrested. The incident was reported in many newspapers and eventually Max was named "Newsmaker of the Year".

Max died from old age at the age of 33. Lisa died two years later after an emergency operation.

In 2008, a bronze statue of Max was placed near the Johannesburg Zoo's gorilla enclosure where Max had lived for most of his life.



### INGABA KUYINYANISO OKU?

Ibali elisihloko sithi, *Igorila egama linguGus* kwiphepha le-14 nele-15, lisekelwe kwiigorila ezimbini zokwenene ezazihlala eMzantsi Afrika, ezimagama anguMax noLisa.

UMax noLisa yayiziigorila zezithabazi ezingeZantsi eNtshona.

Iigorila zezithabazi ezingeZantsi eNtshona lolunye uhlobo lweegorila ezisemngciphekweni wokutshabalala ehlabathini. Olu hlobo lweegorila lwaqala lwavela kumahlathi emvula nawenileyo ase-Afrika kwaye zezona zilwanyana ziphezulu kwizilwanyana ezibumnturha nezanyisayo ezisaphilayo.

UMax wazalelwa kumyezo wezilwanyana waseFrankfurt eJamani ngomhla we-6 kweyoKwindla ngowe-1971, waza weza kufakwa kumyezo wezilwanyana waseRhawutini xa eneminyaka emibini kuphela. Uthe xa eneminyaka engamashumi amabini ubudala, igorila eyimazi, egama linguLisa, neyayivela kumyezo wezilwanyana waseMoscow yaziswa kulo myezo akuwo uMax ukuze bahlale kunye. Ngaloo ndlela ke kuthe kanti baza kubangamaqabane ubomi babo bonke.

UMax waye wafumana indumasi ngowe-1997 xa wathi wawisa isela elithile. Eli sela latsibela kwindawo ezihlala kuyo iigorila kumyezo wezilwanyana lo xa lalibaleka amapolisa awayelileqa. Elo sela lamdubula kabini uMax, kodwa naxa kunjalo uMax wakwazi ukulibamba isela elo alesaba. Isela elo labanjwa. Eso sehlo kwabhalwa ngaso kumaphephandaba amaninzi waze ekugqibeleni uMax wawongwa njengoyena "Menzi wezNdaba woNyaka".


UMax wafa ebulawa bubudala eneminyaka engama-33. ULisa yena wafa emva kweminyaka emibini emva koqhaqho loncedo olungxamisekileyo.

Ngowama-2008, umqingqwa webronzi wabekwa ecaleni kwendawo ehlala iigorila kumyezo wezilwanyana waseRhawutini apho uMax wayehlala khona phantse ubomi bakhe bonke.



# Gus, the gorilla

By Ann Walton ✨ Illustrations by Rob Foote



Gus was a big gorilla. He lived in the zoo with another gorilla called Gabby. Gus and Gabby had a little house to sleep in and a lovely garden to play in.

The zookeeper was good to Gus and Gabby. He gave them plenty of food to eat – cabbage and pumpkin and beans and mealies, and lots of oranges and paw-paws and apples and ... *bananas!* Gus and Gabby loved bananas more than any other food!

"May I have the last banana?" asked Gabby every day after lunch. And because Gus was a kind gorilla, he always gave Gabby the last banana.

One day, not far from the zoo, Mr van Vliet, the shopping bag thief, grabbed a shopping bag full of food from Gogo who was on her way to the taxi rank.

"Help! Help! Give me back my shopping bag!" shouted Gogo. But Mr van Vliet took no notice of her, and ran off down the road.

Gogo ran up to a policeman standing on the street corner. "Help!" she cried. "That man has snatched my shopping bag!"

"Let's catch him!" said the policeman, and they both ran after Mr van Vliet.

Mr van Vliet saw them coming, so he jumped over a big gate, and landed in the grounds of the zoo.

"Look!" puffed Gogo. "The thief has run into the zoo!"

"Let's catch him!" puffed the policeman.

Mr van Vliet was not looking where he was going. He jumped over a wall and fell right onto a thorn bush in Gus and Gabby's garden.

"Ouch!" he said.

The noise woke Gus and Gabby, who were having an afternoon nap.

"I think somebody is bringing us bananas!" said Gus.

"That's very kind!" said Gabby. "Let's go meet him and greet him."

So they went up to Mr van Vliet. Gus was a very gentle gorilla with good manners. When he saw Mr van Vliet, he stood up on his back legs and beat his chest like a drum to greet him.



When Mr van Vliet saw Gus do this, he got a terrible fright. He grabbed the shopping bag and tried to climb back over the wall.

"Give me bananas!" said Gus. But Mr van Vliet was already halfway up the wall, so Gus pulled his leg and bit him on his bottom to get him down again.

Mr van Vliet fell back down onto the thorn bush. Gus picked up the shopping bag, and looked inside it. Gus threw out all Gogo's shopping. And there, at the very bottom of the shopping bag was a big bunch of ripe, yellow bananas.

Gus patted Mr van Vliet gently on his head. "Thank you," he said. Mr van Vliet said nothing.

"Gabby," said Gus, "this kind man has brought us a lovely bunch of bananas!" Gabby came dancing over to Gus. Together they sat down next to Mr van Vliet and ate up all the bananas.



Gogo and the policeman heard the noise. They looked over the wall, and saw Mr van Vliet lying in the thorn bush.

"There is the thief!" said Gogo.

"Give Gogo her shopping bag!" said the policeman.

"Okay," said a shocked Mr van Vliet. He picked up all the shopping and put it back in Gogo's shopping bag. Then he reached over the wall and gave it back to Gogo.

"Hmmmph!" said Gogo. And she went off with her shopping bag to buy more bananas, and to catch a taxi home.

Mr van Vliet looked up at the policeman. "I promise I will never steal a shopping bag again!" he said. "But please, I must get away from here. Take me to the police station."

"Well now, Gus," said the policeman. "You have caught the famous shopping bag thief! I am taking Mr van Vliet to the police station now, but I will be back to see you tomorrow morning!"

The next morning the policeman brought the Chief of Police and a big brass band and a camera man and a news reporter to the zoo. A crowd of people followed them. The zookeeper led them all into Gus and Gabby's garden.

"Welcome to the police force, Gus," said the Chief of Police. "You are now a policeman!" The brass band played a tune, the camera man took pictures of Gus, and the reporter wrote a story about Gus and the famous shopping bag thief. The crowd of people cheered. Then the Chief of Police handed Gus a lovely big bunch of yellow bananas.

"Thank you," said Gus. "It was really quite easy to catch the shopping bag thief." He was so happy, he stood up on his back legs and beat his chest. At this all the people hurried from Gus and Gabby's garden as quickly as they could.

Gus and Gabby settled down to eat the bananas. "Now that I am a policeman, I will have plenty of work to do!" said Gus.

"Yes," said Gabby proudly. "This time you may have the last banana, Gus."

"Thank you, Gabby," said Gus as he tucked into the last banana.



Read about the real-life gorillas on which this story was based on page 13.

UGus wayeyigorila enkulu. Wayehlala kumyezo wezilwanyana kunye nenye igorila eyayibizwa ngokuba nguGabby. UGus kunye noGabby babenendlwana ababelala kunye kuyo nesitiya esihle ababedlala kuso.

Umgcini-myezo wezilwanyana wayebaphethe kakuhle kakhulu ooGus noGabby. Wayebanika ukutya okuninzi kakhulu – iikhaphetshu namathanga kunye neemboty nombona, kwakunye nama-orenji amaninzi neepopo nama-apile kunye ... *neebhanana!* UGus noGabby babezithanda iibhanana ngaphezulu kwako konke okunye ukutya!

“Ingaba ndingayifumana le yokugqibela ibhanana?” wayezibuzisa atsho uGabby yonke imihla emva kwesidlo sasemini. Kwaye ngenxa yokuba uGus wayeyigorila enobubele, wayesoloko emnika uGabby loo bhanana yokugqibela.

Ngenye imini, kufutshane nomyezo wezilwanyana lowo, uMnumzana van Vliet, owayexhwila iiplastiki zegrosari zabantu, waxhwila iplastiki ezele ukutya kukaGogo owayesindleleni eya erenkini yeeteksi.

“Ncedani! Ncedani! Heyi, buyisa igrosari yam!” wakhwaza watsho uGogo. Kodwa uMnumzana van Vliet zange amhoye, koko wabaleka wehla ngendlela.

UGogo wabaleka waya kwipolisa elalimi ekoneni yesitalato. “Ndingceda torho!” ukhale ngelitsho. “Laa ndoda ixhwile iplastiki ezele yigrosari yam!”

“Masimbambe!” latsho ipolisa, baze babekeka emva kukaMnumzana van Vliet bobabini.

UMnumzana van Vliet wababona besiza emva kwakhe, waza ke ngoko watsiba phezu kwesango elikhulu, waza wawela kwicala elinomyezo wezilwanyana.

“Jonga!” watsho ekhefuzela uGogo. “Eli sela libalekele kulo myezo wezilwanyana!”

“Masimbambe” latsho likhefuzela nalo ipolisa.

UMnumzana van Vliet wayengajonganga apho abalekela khona kuba wayejonge ngasemva kubantu abamleqayo. Watsiba udonga waza wawela kwityholo elinameva elisesityeni sikaGus noGabby.


“Owu shu!” watsho uMnumzana van Vliet.

Loo ngxolo yavusa uGus noGabby, ababesathe gqwaka kuba kusemva kwemini.

“Ndingcinga ukuba kukho umntu osiphathela iibhanana!” watsho uGus.

“Bububele obukhulu ke obo!” watsho uGabby. “Masihambe siye kumkhawulela, simbulise.”

Ngoko ke bahamba baya kuhlalanga noMnumzana van Vliet. UGus wayeyigorila enobubele nenesimilo kakhulu. Wathi xa ebona uMnumzana van Vliet, wema ngemilenze yakhe yangasemva, waza wabetha isifuba sakhe ngathi ligubu, embulisa.



Wathi xa uMnumzana van Vliet ebona uGus esenza oko, woyika kakhulu. Wathi nqaku iplastiki enegrosari waza wazama ukutsiba udonga kwakhona.

“Ndinike ezo bhanana!” watsho uGus. Kodwa uMnumzana van Vliet wayesele ephezu kodonga, ngoko ke uGus wamtsala ngomlenze waze wamluma iimpundwana ezi ukuze abuyele umva.

UMnumzana van Vliet wawela ngaphakathi kwakhona kwelo tyholo linameva. UGus wachola loo plastiki inegrosari waza wajonga ngaphakathi. UGus wazijula phantsi phaya zonke izinto ebezithengwe nguGogo. Waza ekugqibeleni, emazantsi eplastiki yegrosari wafumana isipha seebhanana ezityheli kukuvuthwa.

UGus wambambazela uMnumzana van Vliet ngobubele entloko. “Enkosi,” watsho. UMnumzana van Vliet zange atsho nelimdaka.

“Gabby,” watsho uGus, “le ndoda inesisa isiphathele isipha seebhanana ezimnandi!” UGabby weza edanisa kuGus. Bobabini bahlala phantsi ecaleni kukaMnumzana van Vliet baze bazitya zonke ezo bhanana.



UGogo nepolisa bayiva loo ngxolo. Bakroba ngaphaya kodonga, baze babona uMnumzana van Vliet ethe tywa kwityholo elinameva.

“Naliya eli sela!” watsho uGogo.

“Nika uGogo iplastiki yakhe yegrosari!” litshilo ipolisa.

“Kulungile,” watsho uMnumzana van Vliet esothukile. Wachola yonke igrosari kaGogo waza wayifaka kwakhona eplastikini yegrosari leyo. Emva koko wayinyusa ngodonga eyibuyisela kwakuGogo.

“Hamba-a-a!” watsho uGogo. Waza wahamba neplastiki yakhe yegrosari esiya kuthenga ezinye iibhanana ukuze abambe iteksi egodukayo.

UMnumzana van Vliet waqwanya wajonga ipolisa. “Ndiyathembisa andisoze ndiphinde ndibe iiplastiki zegrosari zabantu kwakhona!” watsho. “Kodwa nceda, ndikhuphe apha. Ndithathe undise kwisikhululo samapolisa.”

“Hayi ke ngoku, Gus,” latsho ipolisa. “Ubambe elona sela lidumileyo ngokuba iiplastiki zegrosari yabantu! Ngoko ke ndiyambamba uMnumzana van Vliet, ndimsa kwisikhululo samapolisa ngoku, kodwa ndiza kubuya ndize kukubona kwakusasa ngomso!”

Ngentsasa elandelayo ipolisa leza neNtloko yamaPolisa kunye neqela labadlali beentambula kunye nomfoti nentatheli kumyezo wezilwanyana. Babelandelwa ligquba labantu. Bonke umgcini-myezo wabakhokelela esityeni sikaGus noGabby.

“Wamkelekile kumkhosi wamapolisa, Gus,” yatsho iNtloko yamaPolisa. “Ngoku ulipolisa elipheleleyo!” Iqela labadlali beentambula badlala ingoma, umfoti wafota uGus, yaze intatheli yabhala ibali ngoGus kunye nesela elidumileyo leeplastiki zegrosari. Abantu baqhamba izandla bevuyiswa koko. Emva koko iNtloko yamaPolisa yanikezela ngesipha esikhulu seebhanana ezityheli kuGus.

“Enkosi,” watsho uGus. “Bekulula kakhulu ukubamba isela leeplastiki zegrosari.” Wayevuya kakhulu, watsho waphakama wema ngemilenze yakhe yangasemva waza wabetha isifuba sakhe. Bakubona oku, bonke abantu bangxama bekhawuleza kangangoko ukuphuma esityeni sikaGus noGabby.

UGus noGabby bahlala phantsi batya iibhanana. “Njengokuba ke ngoku ndilipolisa, ndiza kuba nomsebenzi omninzi ekufuneka ndiwenzile!” watsho uGus.

“Ewe, kunjalo,” watsho uGabby ngokuzingca. “Kweli lixa ke ibhanana yokugqibela yeyakho, Gus.”

“Enkosi kakhulu, Gabby,” watsho uGus esitya ibhanana yokugqibela.



Funda ngeegorila zokwenene kwiphepha le-13 nelisekwe kubomi bazo eli bali.

# Nal'ibali fun

Find the answers to the clues below in the stories in this supplement. Write down one word to answer each clue. Then find the words in the wordsearch block.

### Clues

- The type of animal that chased Lillee. \_\_\_\_\_
- The type of animal that Lillee was. \_\_\_\_\_
- The colour that the berries made Lillee's feathers. \_\_\_\_\_
- The place where Lillee's family liked to swim. \_\_\_\_\_
- The animals that Lillee ate. \_\_\_\_\_
- What Nomsa loved to do. \_\_\_\_\_
- The person who Nomsa hugged. \_\_\_\_\_
- The type of animal that Gus was. \_\_\_\_\_
- Where Gus lived. \_\_\_\_\_
- Gus and Gabby's favourite food. \_\_\_\_\_
- Mr van Vliet was a \_\_\_\_\_.
- The type of bush Mr Van Vliet fell into. \_\_\_\_\_




d	r	c	f	t	k	h	l
a	s	z	n	h	c	e	b
n	g	o	r	i	l	l	a
c	p	o	g	e	d	i	n
e	z	x	o	f	b	f	a
a	p	u	r	p	l	e	n
p	o	t	h	o	r	n	a
a	n	s	l	i	a	n	s
p	d	u	c	k	g	j	m

# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Funa iimpendulo zoonobonisela abangezantsi kumabali akolu hlelo. Emva koko ukhangele loo magama kwibloko yokukhangela amagama.


### Oonobonisela

- Uhlobo lwesilwanyana olwasukela uLillee yi \_\_\_\_\_.
- Uhlobo lwesilwanyana alulo uLillee li \_\_\_\_\_.
- Umbala owenziwa ngamaqunube kwiintsiba zikaLillee u \_\_\_\_\_.
- Indawo apho usapho lukaLillee lwaluthanda ukudada kuyo li \_\_\_\_\_.
- Izilwanyana ezatyiwa nguLillee zii \_\_\_\_\_.
- Into eyayithandwa ukwenziwa nguNomsa kuku \_\_\_\_\_.
- Umntu uNomsa awamangayo ngu \_\_\_\_\_.
- Uhlobo lwesilwanyana alulo uGus yi \_\_\_\_\_.
- Igama lomlinganiswa odlala indawo kaMax ebalini ngu \_\_\_\_\_.
- Okona kutya kuthandwa nguGus kunye noGabby zii \_\_\_\_\_.
- UMnumzana van Vliet wayeli \_\_\_\_\_.
- UMnumzana van Vliet wawela kwityholo \_\_\_\_\_.




v	r	b	h	a	n	a	n	a	a
s	m	p	u	n	g	u	t	y	e
d	l	m	g	w	o	s	d	e	s
a	a	m	f	e	r	v	a	d	m
n	m	t	r	q	i	n	n	d	f
y	e	d	e	a	l	k	i	d	u
a	v	z	l	q	a	u	s	a	s
n	a	e	r	d	d	m	a	d	a
a	s	t	a	t	a	b	d	a	n
G	u	s	a	c	c	a	e	c	v

Can you find six differences between these two pictures?



Ungazifumana izinto ezintandathu eyohluke ngazo le mifanekiso mibini?



**Answers:** 1. fox 2. duck 3. purple 4. pond 5. snails 6. dance 7. Papa 8. gorilla 9. zoo 10. bananas 11. thief 12. thorn  
**Iimpendulo:** 1. mpunguthye 2. dada 3. mfula 4. danyana 5. nkumba 6. danisa 7. tata 8. gorila 9. Gus 10. bhanana 11. sela 12. lameva



Visit our website for more reading enjoyment: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)  
 Ndwendwela iwebhusayithi yethu ukuze ufumane okokuzonwabisa okufundwayo okungaphezulu koku ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Supplement produced by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.